S.E. Mqhayi: *Imvo Zabantsundu* (19 November 1912), page 6

**Umfi u William Wilkin Mjokozeli**

UKUBEK' ILITYE

"Ngokuba inje ngokupakama kwamazulu pezu kwehlabati
"Ukuba namandla inceba Yake kwabamoyikayo.
"Kunjengokuba[1] kude kwe mpumalanga entshonalanga,
"Ukulukwelelisa Kwake kuti ureqo lwetu."

U Mr. E.W. Makula, owenze isaziso epepeni ngompanga walo mhlobo wetu, nommi wase Monti, siyambulela. Tina base Monti sasisafumane sadubateka, kuba lento ukufa nangani iyinto ebalulekileyo, kuke kuzibalule ngokugqitileyo ngemihla etile. Umhla wesixenxe kulenyanga ye Tupa (7th August, 1912) yaba ngumhla wesimenu e Monti, kuba ukufa kwazibalula gqita ngokutabata u Bill. Lomfo ubeselengene kangaka ezingqondweni zabantu, ube minyaka ili 18 elapa, elikumsha lemantyi, - kwamrura ukufa ezingqondweni zetu, ngamandla nangamagunya, sasala senzakele.

Umfi lo ngunyana omncinane ka Klaas Mjokozeli wase Nxukwebe. U Klass lowo yenye yama Mfengu okuqala apo e Nxukwebe, emveni kokundululwa kwama Xosa ngu Rulumente awatumele ko Gqumahashe nasema Xesi. Yazalwa lenkwenkwe ngelanga lika Qilo (1865), yafundiswa ngohlobo lokuba iti iminyaka ili 16 ubudala ipumelele uviwo ngale "Honours" ingasekoyo ngoku kontsundu. Ukuqala ukuwangena lamadabi alomhlaba uwaqale ese yilontanga e Qonce ngokufundisa, nase Ngqushwa, e Mpofu, e Mtwaku nase Nxaruni kwa Ndlambe. Liqale e Nxaruni apo ke itole le Hlubi ukuzibalula ngemisebenzi emihle; lamaculo ake akulencwadi yase Tshetshi uwaguqule elapo. Ngezomini intsapo yabamnyama ibisiya kuvuma e Town Hall e Monti, ipetwe nguye, ibuye ngokuhlaula izinto ebezifuneka zetyalike, la tekisi ibhaliweyo pezulu yenye yetekisi zake ezidumileyo. Ube minyaka isitoba kulendawo, ukuze ngoku anqwenele ukuba pantsi kwe Komkulu, okwenene waqala walikumsha lemantyi e Qumra ngo 1893, kute kunyaka olandelayo wazakuba se Monti. Ute akuba lapa wazigcina ngokungabi nakolwane, wabenza amakolwane ake bonke abantu, omkulu nomnci, opantsi

[1] Xunjengokuba

nopakamileyo, omnyama nomhlope; waye umfo emnandi kakulu xa sewusondelelene naye. Ungomnye wabaqali bale club indala yase Monti kutiwa yi “Gaika”; ngezomini yayisadlala nabelungu kula mihlaba yabo. Uinfo lo ube ngumzekelo ngokutanda umsebenzi wake, ubesiya kuwo kwapambi kwexesha, kanti wobuya nasemva kwexesha engenasiroro. Imfundo yake ibipolile kakulu, ingena bugaxagaxa, ingenalugwagwiso kanjalo; ube luncedo kwimpatalala zakowabo, ezimana ukuya kwa Rulumente ngendawo ezizityatyambelayo, ancede u Bill naxa into ibingalunge kuye. U Mr.Jno. Jorha uti, “Wade wangati uyamgqibelisa ngamalungiselelo ngelixesha wayefuna incwadi zokuya e Rautini u Mr. Jorha lowo, engenakuzifumana, wenza u Bill ukuba azizuze, ezinye wazilandelisa e Rautini apo.’’

Kute ngo 1902 xa ayile ntanga seyinengqondwana (37) waqala u Bill ukucinga ngokuzeka, naleyo into akayenzanga ngobutyututyutu, njengoko sesibone kwabanye. Uye wazitatela intombi yompakati owaziwa kakuhle, - u Tiwani Ngudle wakwa Maduna e Rabula. Intokazi leyo yona yabamba ekufundiseni kwisikolo sama Rabe kwangezomini kude kube namhla. Umfi lo ugule isituba seveki zombini, wanduluka ngomhla we 7th August, we gama lika Yesu, eminyaka ima 47 ubudala.

Apuma ngendlu ama Rulumente ukuza kunika imbeko yawo yokupela epetwe zinkosi zamadindala zombini, - u Ngqayi no Kwekwe, nohlohlo lwamapolisa. Bamtate bambeka kwembejembeje inqwelo ukumweza i Ngcabanga, intlanjana eyoze itete lukulu mini itetayo. Kukweso situba ke, nkosi yam, ekusuke kwako into eti manditi:

Khuba-kuzilwa! khuba-kuzilwa!!

Hayi kodw’ u Mahamba ngeziqula!!!

Ngeny’ imini kuyakuba nguwe kunje.

Sitombo santshul’ e Nxukwebe,

Sazimka nokuhla kwemilambo,

Savel’ intshatshob’ elwagcibeni,

Satwal’ imbonxa zezikwebu.

Namhl’ inkew’ iyagoduswa,

Kumbejewu kunjenjenje zinyembezi,

Iya kwabakwa Radebe kwabakowayo:

Kwa Bhungan’ emakulukulu,

O Ndlebe zamil' entundelweni,

Indlovu yakwa Mqad' elupondo lunye,

Elikamisel' ezimpondo ngambili,

Nina ma Mfengu yekan' ukulila,

Namhla makulile tina ma Xosa,

Kuba tina siyamgqibelisa namhla,

Nase[2] Ngqushw' asikuba nakufika.

Wemk' umnt' ekude nabakowabo,

Kazi ngebesitinina ukulila: Ngebesiti;

"Maye-maye-maye-e-e! Maye-maye-babe-e-e-e!

Nitsinina nina ngokwenu?

Nits' ufile na u Radebe?

Hawu, afe atsinin' ukufa?

Hange ngiyambon' epakatsi kwabelungu,

Hange ngiyambon' ezibhalela nje kona,

Hawu, vuka, awufile Radebe.

Hange ngiyamv' etsetsa noma Maduna,

Etsi ma Maduna hausipotsulele.

Ye-ye-ye-ye-ye-ye-e-e-e,

Ho-ya-ho-ho hizshi-i-i.

Ho-ya-ho-ho-hihayi-zshe-e-e-e!"

Hamba ke tol' lenkunzi, hamba,

Yi Nkosi lont' ikumemileyo, hamba,

Ungeva silila senziwa kunqwena,

[2] Nsse

Nati sibiziwe besingayi kumangala,

Ude watyap' ulusabel' ubizo,

Nokuzenz' idini yakut' i Nkosi zenz' idini.

Unombuzo na wena mntu womhlaba?

Libuz' elidindindala lingu Kufa,

Lil'[3] eli lize kukunik' ityala,

Kuba kungeko kufa akuko sono.

Goduka Radeb' omhle kunene

Uyakuba yinzwana ngakumbi pambili,

Kutiwa kufunw' amakumsh' e Paradesini.

Kub' intlanga kutiwa zigqitile,

Wakubulisa nakwabo bapambili!!

---

[3] Kil'